
Kwenzeka ntoni ngomgangatho wamanzi kwiKetshimenti yaseTsitsa?

Umgangatho wamanzi ubekwe esweni yiProjekthi yeTsitsa kwiindawo ezili-11 zokubeka iliso kwimilambo. Umgangatho wamanzi ulinganiswa kusetyenziswa indlela yesayensi esetyenziswa ngokubanzi yokulinganisa impilo nococeko lwamanzi omlambo, ebizwa ngokuba yiSouth African Scoring System (SASS). Le ndlela isebenzisa iintlobo zezilwanyana ezihlala emanzini ukubonisa ukuba umlambo usempilweni okanye hayi.

Impilo yoMlambo yalinganiswa ngo-2019 UTshazimpuzi (April), kwaye kwakhona ngo-2020 EyeThupha (August) ngenxa yezithintelo zokuhamba ze-COVID). Iziphumo zibonisiwe kwimephu engezantsi. Iiflegi zibonisa iziphumo usuka ngo-2019. Iiflegi eziluhlaza zithetha ukuba isiza besikwimeko entle, ngelixa umbala omthubi uthetha ukuba "ulungelelene", iorenji kuthetha ukuba "kubi" kwaye ubomvu "bekukubi kakhulu". Uyabona ukuba ngo-2019, iisayithi ezi-4 bezikwimeko entle, ezi-2 zikwimeko elungileyo, ezi-3 zikwimeko embi kwaye ezi-2 zikwimeko embi kakhulu. Iinkwenkwezi emephini zibonisa iziphumo zika-2020. Uyabona ukuba impilo yomlambo yayimbi EyeThupha 2020, xa kuthelekiswa UTshazimpunzi 2019. Inye kuphela indawo ibihleli kwimeko entle ngo-2020. Olona tshintsho lukhulu (ukusuka "kokulungileyo" ukuya "kwimeko ezimbi kakhulu") labhalwa kwinxalenye esezantsi kwiKhetshimenti..




Ngaba simele sixhalabe?

Okokuqala, kubalulekile ukuba uqaphele ukuba imilinganiselo yenziwe ngamaxesha ahlukeneyo (ihlobo vs ebusika). Ebusika, imeko yendawo yokuhlala yezilwanyana ezingenamqolo ezinamathambo iyancitshiswa ngamaqondo obushushu amanzi abandayo kunye nokuhamba kwemilambo ephantsi, ekhokelela kuludaka nasekuqokeleleni ungcoliseko kwizityalo zamanzi amdaka nakwezolimo. Ehlotyeni, kukho izinto ezahlukeneyo ezichaphazela iziphumo. Umzekelo, imvula ephezulu ingakhokelela kukhukuliseko lomhlaba kunye nomthwalo omkhulu wentlenga emanzini. Abaphandi abaqokelele idatha bavakalelwa kukuba okwangoku asazi ngokwaneleyo ukuba singaxhalaba. Kufuneka siqokelele idatha ukuze siqonde ukuba yeyiphi iipateni eziqhelekileyo, kwaye yintoni enokubangela utshintsho.

Ucinga ntoni?

Ngaba uqaphele ukuba kukho naluphi na utshintsho kumgangatho wamanzi kwindawo yakho? Ucinga ukuba yintoni ekufuneka yenziwe ngolu lwazi?